



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NKANGA 2025

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2½

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(40)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(20)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowutshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-75
ICANDELO B:	Imizuzu engama-38
ICANDELO C:	Imizuzu engama-37
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150–180. Sebenzisa imizuzu engama-75 kweli candelo.

UMBUZO 1

- | | | |
|-----|--------------------------------------|------|
| 1.1 | Ndafunda izinto ezininzi ngaloo mini | [40] |
| 1.2 | Isikolo sam | [40] |
| 1.3 | Yandincedainja yam! | [40] |
| 1.4 | Ezemidlalo eMzantsi Afrika | [40] |
| 1.5 | Izinto endizithandayo ngekhaya lam | [40] |

Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.6 OKANYE 1.7 OKANYE 1.8). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.6



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-animals.com/blog/the-big-five]

[40]

1.7



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.un.org/africarenewal/magazine/april-2018]

[40]

1.8



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-<https://uaulis.asso.fr/?c=doctors-1-source-for-healthcare-information-wikipedia-the-atlantic-bb-mN8GmJIW>]

[40]

AMANQAKU ECANDELO A:

40

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60–80 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-38 kweli candelo.

UMBUZO 2

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho ileta umbulele ngesipho akuthengele sona ngomhla wokuzalwa kwakho.

[20]

2.2 ILETA ESESIKWENI

Bhalela iRejistra yeyunivesithi ofake kuyo isicelo sokufunda kunyaka ozayo, ukhalazele ukuba lilide ithuba usifakile isicelo kodwa akukayifumani impendulo.

[20]

2.3 INGXELO EMFUTSHANE

Ningabafundi bebanga le-12 beniyekukhenketho (*excursion*). Njengenkokeli yebanga le-12, bhala ingxelo emfutshane oza kuyenzela ootitshala nabafundi besikolo sakho.

[20]

2.4 IRIVYU

Bhala irivyu yemveliso oyithenge kwivenkile ethengisa kwi-intanethi (*online shop*).

[20]

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela). Sebenzisa imizuzu engama-37 kweli candelo.

UMBUZO 3

3.1 IKHADI LESIMEMO

Uilungu lebhodi (*board member*) yemidlalo yeqonga esikolweni sakho. Bhala isimemo esiya kubazali ucele ukuba bazokubukela umdlalo oza kubakho.

[20]


3.2 UMYALEZO OMFUTSHANE KA-FACEBOOK

Bhala umyalezo ka-Facebook oya kubahlobo bakho ubaxecelele ukuba kutheni uza kuyeka ukusebenzisa u-Facebook.

[20]

3.3 IZALATHISI

Bhala izalathisi zokubonisa umhlobo wakho indlela esuka ekhaya eya esikolweni. Landela iintolo (*arrows*) ezisemephini.



[lithatyathwe ku-www.googlemaps.com yaza yahlelwa]

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80